NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2018

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

## MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2018 

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

1.1
1.1.1 Wathi ufunyenwe yingqele.
1.1.2 Wayecinga ukuba u-Eddie uyathandana**/uyamjolela/uyamdyolela**.
1.1.3 "Nangoku ulifumene ithuba lokudibana nesasithandwa sakho sesibini".
"**Sukufane ukhathazeke okanye uzenze umntu okhathazekileyo"**
1.1.4 Wamlahla ngefoni.
1.1.5 Wavuya evuyiswa kukubona ukuba isithandwa sakhe siyajwaqeka ngumsindo/sinomsindo/**akadlaliswa.**
1.1.6 NguLulama Zuma.

1.2
1.2.1 B
1.2.2 B/**A Budala ngeminyaka**
1.2.3 C
1.2.4 C
1.2.5 B
1.2.6 Ukuvula umlomo kakhulu/Ukuchitheka kobisi lusihla ngezidlele/ Ukuvakala kwengwiqikazi enesithonga xa esela ubisi.
1.2.7 Ngokweziphumo kuphando lukaHlobo, uLinda wasela utywala kuba efuna isibindi sokubulala uLulama/**ukungakhumbuli kwakhe iziganeko zoba busuku.**

## UMBUZO 2

2.1
2.1.1 (d)
2.1.2 (f)
2.1.3 (e)
2.1.4 (h)
2.1.5 (a)
2.1.6 (c)
2.1.7 (b)
2.1.8 (g)

2.2
2.2.1 Umfundi anganika nokuba zeziphi iimpendulo kwezi zilandelayo:

**Rio**
- **Yamkela wonke umntu.**
- **Kubukelwa imiboniso bhanya-bhanya**
- IRio Cinema yayinombizane/IRio Cinema yayinomtsalane/yayintle.
- Iholo yomboniso lalibetha impepho linazo zonke izinto ezinomtsalane ebantwini (indlu yokuphumla, indlu yangasese, indlu yokutyela, nendlu yokugcina impahla zendwendwe).
- Kwakuphithizela izicaka.
- Umgangatho uphezulu.
- IRio ilawulwa ngumnikazi wayo kuphela (Joe).
- Kungenwa ng**e**mali.

**Moonglow**
- **Ihanjwa ngabantu abadala kuphela.**
- **Kuselwa utywala/Kuyaselwa**

- Ilawulwa liqumrhu lamadoda athile.
- Ayinasidima.
- Kukho amanxila, imigewu nonopatazana.
- Kuthengiswa intsangu.
- Akungenwa ngemali.

2.2.2 Lambathayo.
2.2.3 UDick.
2.2.4 ULiziwe.

**UMBUZO 3**

3.1 Umfundi makachaphezele iingongoma zibe mbini kwintshayelelo ze zibe ntathu kwisiqu:

**Intshayelelo:**
- Ukubulisana kuka Hlobo noNkosikazi Hobe.
- Ukwazisana kwabo.
- UNkosikazi uHobe makachaze ukuba uvela eKomani.
- Makazichaze ukuba ngumakazi ka Eddie/uEddie ngumtshana wakhe.
- Makachaze ukuba uEddie ukhuliswa nguye ngasiphi isizathu.
  **[Umfundi makabe nenqaku elinye okanye amabini]**

**Isiqu:**
- Ukuya kukaEddie esinaleni eDikeni nokufumana kwakhe umsebenzi waze wanyamalala.
- Ukuva kwakhe ukuba ungumanejala wombutho wootsotsi.
- Ukuvakala kweendaba zokuba uceba ukutshata noLinda.
- Ukungamthembi kwakhe uLinda.
- ULinda wayengafuni ukuba uEddie adibane nomakazi wakhe waze wakhetha ukumbulala ukuze izinto zika Eddie ziwele kuye.
- Uze apha ezokunikeza ngenkcazo enganceda amapolisa ekuphandeni ngokufa kukaEddie noLulama.

3.2 Incoko phakathi kukaJoe Bumba noHlobo. Umfundi makachaphazele iingongoma zibe mbini kwintshayelelo zibe ntathu kwisiqu.

**Mababulisane:**
- UJoe makabonise umdla kuHlobo njengoko bekukudala emlindele.

**Isiqu**
- UJoe uxelelela uHlobo ngendlela awaliqala ngayo ishishini lakhe.
- Phambi kokuba aliqale waya kufuna iingcebiso kuEddie.
- UEddie wayecinga ukuba uza kujoyina iMoonglow waze wamxelela ngenkqubo yabo nemali awayeza kuyifumana ukuphela kwenyanga.
- Wamxelela ngokungandiliseki kombutho iMoonglow.
- Wamcebisa ngeli shishini aliqhubayo uJoe.
- UJoe wathetha ngobusuku bokufa kukaEddie nenenekazi elafika eRio, xa kanye usaqala umboniso bhanya-bhanya.
- Ibhatyi ehobe nemfuma-mfuma eyayinxitywe leli nenekazi.

- Ukujikeleza kweli nenekazi eholweni lingade lihlale phantsi lisala nokuncedwa.
- Imoto eyayisesingeni.
- Umtshitho wamavili.
- Ukuboleka kwe"*tape recorder*" kaJoe nguEddie.

IEB Copyright © 2018

## UMBUZO 4

4.1 **Uphando ngokufa kukaEddie**

Umfundi kufuneka echaphazele ezi ngongoma zilandelayo ze asichazele kancinci ngophando ngalunye. Umfundi ufumana inqaku elinye ngophando alubhalileyo ze afumane amanqaku amabini ngokubonisa indlela achaphazeleka/obumchaphazela ngayo uLinda.

- Ukufumaneka kweleta eyayibhalwe nguLinda ngobusuku obandulela ukufa kukaEddie noLulama. Le leta ibonisa ukuba uLinda wayengaguli ngoba busuku koko wayephethwe sisikhwele kuba wathi uEddie makahambe nesinye isithandwa sakhe; ze yena wayokusela kuba wayefuna ukuqweba isibindi sokubulala uLulama.
- Ukungayazi kwakhe uLinda into yokuba uEddie wayethandana noLulama xa ebuzwa nguHlobo kodwa kwileta awayibhalela uEddie wayebonakala eqinisekile ukuba asinguye yedwa othandana noEddie.
- Amavili i"*road masters*" awabonakala kwindawo yexhwayelo. ULinda naye wayesebenzisa la mavili. Oku kwabonakala ngethuba uHlobo etyelele endlwini kaLinda wafika umfana osebenzela uLinda ewatshintsha waze wathi xa uHlobo embuza ngawo wayichaza nje kakuhle ukuba usisi wakhe akawasebenzisi amanye amavili ngaphandle kwe *road masters*.
- Umpu oyi 38 *automatic* obulele uEddie wafunyanwa nguHlobo kwisingxobo sikaLinda ngethuba etyelele uLinda eyokumbuza imibuzo ngokufa kukaEddie noLulama.
- Inenekazi elabonwa nguBumba lingena eRio lalinxibe i*mink coat* efana nqwa nekaLinda. Ubungqina obuvela eFemina House bokuba uLinda wayithenga le *mink coat*.
- Ukushusha kukaLinda ngobusuku afa ngabo uEddie noLulama, kwamchaphazela uLinda kuba indlela aweyeshushu ngayo wayengasoze ayazi nento ayenzileyo kuba wayengekho zingqondweni kwaye engasakhumbuli kwanto eyenzekayo ngobo busuku. Wayeqweba isibindi sokubulala uLulama.
- Ingxelo eyanikwa nguNkosikazi Hobe emapoliseni yenza ukuba uHlobo angajongi kwelinye icala koko asoloko ejonge uLinda njengombulali ka Eddie noLulama.

  **[Apha kufuneka ubungqina obubambekayo, hayi ukuqashela nokuqikelela]**

  - **Umpu, ileta, amavili, idyasi emfumamfuma/Mink coat/ uNkosk Hobe, ukunxila kukaLinda ngemini yokufa kukaEddie noLulama.]**

**Ukwabiwa kwamanqaku:**

| | |
|---|---|
| Iingongoma zintandathu | = 6 |
| Inkcazelo | = 12 |
| Uphumelela ukubhala isincoko | = 2 |

IEB Copyright © 2018

4.2 Umfundi makasibalisele ngobusuku uHlobo wayetyelele iMoonglow Night Club ngenjongo zokubona izinto ezazisenziwa ngabo baphetheyo kweli shishini. Umfundi makachaphazele ezi ngongoma zilandelayo, zinongabikho zonke kodwa abe umfundi elubonakalisile ulwazi lwakhe lwencwadi. Umfundi makachaphazele iingongoma ezilishumi kwezo zinikwe ngezantsi.

Iingongoma nganye inamanqaku amabini.

- Ukungaveli kukaNkosikazi uHobe ezinkundleni zamatyala xa kuxoxwa ityala lika Eddie noLulama Zuma.
- Oko kwenze ukuba uHlobo acinge ngolunye uhlobo.
- UHlobo uqale ngokutyelela iMoonglow Night Club ngobunye ubusuku kuba efuna ukungabonwa aze abenakho ukujonga konke okwenzekayo eMoonglow.
- Ukubonwa kwemoto eyiBuick nguHlobo ingena kwenye yendlu eyayikufutshane neMoonglow.
- Ukuphuma kwamadoda amathathu engena kuloo ndlu ze aphume nemigodlo ayokuyilayisha emotweni.
- Ukunduluka kwemoto elayishe imithwalo.
- UHlobo uqhagamishelana nesitishi samapolisa acele ukuba alandelwe.
- UHlobo ulanda ekhondweni lale moto.
- Imoto elandelwayo iyaphuma endleleni ze kuphume abantu nemithwalo.
- UHlobo namapolisa baya kule moto.
- Bafumana umntu omnye baze bambophelele kwisitulo esingemva kwakule moto.
- Balindela abo bahambileyo.
- Ukubava kwabo besiza bencokola, bethetha ngentsangu neekasi zotywala namaMpondo.
- Ushishino abalwenzayo namaMpondo apho banikeza ngekasi zebhranti eMampondweni ze ona abanike intsangu.
- Xa esondele emotweni la madoda, akhonjwa ngompu lipolisa elalisele apho emotweni.
- Ayabanjwa kufumaniseke ukuba kukho nomntu obhingqileyo.
- Bayathathwa basiwe kwisikhululo samapolisa.
- Kufumaniseka ukuba nguNkosikazi uHobe elo bhinqa lalibanjwe nalo madoda. UThembisa owayezenza uNkosikazi Hobe.
- UHlobo uchazela amapolisa ngendlela abazi ngayo aba bantu atsho ebadlalela ne *tape recorder*.
- Kulapho bavakele khona ukuba uThemba Mdoda, Thembisa Ntlokonkulu, Khulile Dungane noWelile Nzube ngabo ababulali baka Eddie no Lulama.

IEB Copyright © 2018

## UMBUZO 6 Izalathisi

6.3 Umfundi usenokwenza ngolu hlobo:

- Uphumela ngaphandle eCity High School, ungene e1st Avenue.
- Unyuka kancinci nge1st Avenue, ungene kwisitalato iOak esisekhohlo kuwe.
- Uhamba kancinci ugqithe i-2nd Avenue ne3rd Avenue.
- Ungena e4th Avenue ze unyuke ngayo uye kuphumela eMain Street.
- Xa use Main Street, phambi kwakho ubona iCity Hall neCity Court.
- Nantso iLayibhrari ekhohlo kwakho, imelene neCemetery.

**OKANYE**

- Xa uphuma eCity High School, ungena e1st Avenue.
- Yehla kancinci nge1st Avenue ungene eRiver Street.
- Unqumla ibhlorho (Bird Bridge) wonyuke njalo nge River Street.
- Unqumla kwakhona enye ibhulorho (Cat Bridge) ekunene kwebhlorho yiCity Park.
- Yonyuka njalo wena ngeRiver Street, ungene kwiOak Street.
- Phambi kweOak Street uza kubona iState College.
- Ujika ekunene ungene kwi5th Avenue.
- Yonyuka nge 5th Avenue ungene eMain Street.
- Ekhohlo kwiMain Street yiCemetery, nantso iLayibhrari ekunene kwakho.

IEB Copyright © 2018

## ICANDELO B

## UMBUZO 5 IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **20–17** | **16–14** | **13–12** | **12–10** | **9–8** | **7–6** | **5–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **10** | **7** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude sizanekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude, asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU | ISITSHIXO |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi | 20 | Mongo = |
| B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 10 | Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **30** | |

IEB Copyright © 2018

## UMBUZO 6 IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **6** | **5–4** | **4–3** | **3–2** | **2–1** | **1** | **1–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **4** | **4–3** | **3** | **2–3** | **2** | **1** | **1–0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizanekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude, asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU | ISITSHIXO |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 6<br>4 | Mongo =<br>Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **10** | |

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2018